



UVincent yintatheli yesikhululo iRX Radio. Uze kushicilela inkqubo yakhe kwisitudiyo saseRX Radio.

Namhlanje, inkqubo kaVincent ingabantwana abaphila nezigulo ezinzima.

Udliwanondlebe lwakhe kunye nabo lungamava abo ngexesha leKhowid-19.



“Molweni baphulaphuli, nguVincent lo. Namhlanje, iindwendwe zam nguMulalo, uAshley, kunye noLina,” utshilo uVincent. Iindwendwe zazazisa.

UVincent uqhube wathi, “Ixesha leKhowid-19 ibilixesha elize nemingeni emininzi, ngakumbi kubantu abakhubazekileyo. Ndicela nibalisele abaphulaphuli ngalo mba.”



Kuqale uMulalo, “Ndinesifo esihlasela izihlunu zomqolo (*ispinal muscular atrophy*). Sichaphazela izihlunu, imilenze, iingalo nendlela endiphefumla ngayo.

Ukuba intsholongwane yeKhorona nesi sifo sam bezingadibana, bezinokundibulala! Imiphunga yam ibuthakathaka kwaye ngalaa ntsholongwane kungaphela ngam!”



ULina uthethe, “Bendothuke kakhuku oku kwam. Ndinesifo sombefu, isifuba, esichaphazela imiphunga yam.

Xa ndithe ndakhohlela okanye ndiphefumle nzima, bendiye ndingazi nokuba ngumbefu okanye yintsholongwane yeKhorona. Ibiya kuhlasela isifuba sam kakubi kakhulu.”



UAshley wongeze wathi, “Ndinesimo se’*bipolar*’. Ichaphazela ingqondo yam kwaye kufuneka ndisele amayeza ayo. Kukho amaxesha endiziva ndilusizi kakhulu, okanye ndibe nomsindo kakhulu.

Ngamanye amaxesha iimvakalelo zam zitshintshatshintsha ngesiqophe. Kuba nzima ukulawula indlela endiziva ngayo.”



“Enkosi ngokwabelana nathi ngaloo mava. Ikhona into ebilangile kuni ngeli xesha?” wabuza uVincent.

“Ndikwazile ukuchitha ixesha elininzi nabantu basekhaya. Siye sadlala imidlalo yebhodi kunye, ndaye ndakuchulumancela oko,” waphendula uLina.



“Nam ndichithe ixesha elimnandi nabantu basekhaya. Ngethamsanqa, ndiye ndakwazi ukuzinyangela ekhaya,” uphendule watsho uMulalo.

“Ndagqiba kwelokuba ndilisebenzise kakuhle eli thuba. Ndasondelelana ngakumbi nosapho lwam. Kwaye ndaye ndaguqukela kuThixo ngomthandazo,” watsho uAshley.



UVincent ujonge ixesha eliseludongeni lwasesitidiyo.
“Ngelishwa, sesishywa lixesha!” utshilo.

“Abanye abantwana abafunyaniswe benezigulo
ezichaphazela ingqondo okanye amalungu athile omzimba,
ningabakhuthaza ngamazwi athini?” wabuza uVincent.



U Ashley waphendula kuqala, “Kukho eli bala phandl’apha xa unesifo sengqondo okanye kukho into engahambi kakuhle.

Ubonwa njengomntu oligeza okanye othanda ukuhoywa, kwaye ndingathanda itshintshe loo nto. Kulungile ukuziva ungemnandanga.”



ULina evumelana naye, uthe, “Icebiso lam kwabanye kukuba baziphathe ngokuzithanda. Ubenomonde ngawe. Wenza okusemandleni akho.”

UMulalo esongeza, “Kwaye unganikezeli! Imicelimngeni mininzi kodwa ungawafezekisa amaphupha akho.”



—Imibuzo

1. Bhala intsingiselo yala magama: Imeko, engapheliyo (isifo), ibala (isifo).
2. Khangela apha ebalini amagama athetha into enye nala: kakhulu, icebiso, ithuba.
3. Kuthetha ukuthini ukufunyaniswa unesifo sengqondo okanye ingulo esemzimbeni?
4. Ingaba ikhona into elungileyo onokuyibalisa kweli xesha lesifo esingubhubhane?



Eli bali lisekelwe kwiingxelo zeRX Radio. IRX Radio sisikhululo sika nomathotholo wabantwana esikwi-intanethi, esilawulwa ngabantwana besenzela abanye abantwana.

IRX Radio isebenzela kwisibhedlele sabantwana iRed Cross War Memorial eKapa.

IRX Radio incedisana nabantwana ukuba babalise ngezinto ezibalulekileyo kubo.

[Tyelela iRX Radio](#)